Isalathiso: 20201214-351
Inombolo yefayili: 2/11/3/1
Imibuzo: K Dudley, A du Toit, R Leukes & E Peck

INgcaciso eMfutshane yeKharityhulam ye-*GET* DCG: 0007/2020

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBacebisi ngeZifundo beSigaba seSiseko, kwiiNqununu nakwiiNtloko zeZifundo zezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo

Isihloko: Isicwangciso sokuphucula umgangatho sephondo

1. ICandelo leKharityhulam ye-*General Education and Training (GET)* liqulunqe isicwangciso sokuphucula umgangatho sephondo ukukhokela nokunika inkxaso izikolo nootitshala ngo-2021.

2. Isicwangciso sokuphucula umgangatho sephondo singqinelana neenjongo ezibubuchule zangaphakathi kwiSebe leMfundo leNtshona Koloni.

3. Esi sicwangciso sokusebenza sicaciswa yingqiqo nenkolo yokuba abafundi bamele ekugqibeleni, ukuba babe ngabaxhamlayo kwiphulo namanyathelo ongenelelo ngoncedo ngalinye, nokwazi ukuba ootitshala bazizibonelelo ezibaluleke gqitha. Okukhuthazwa kwiphulo longenelelo ngoncedo ngalinye okanye ngumsebenzi ngamnye yinjongo yokuphucula indlela yokucinga etshintshileyo namathuba okucinga aqhutywa ziimfundiso ezisisiseko angqinelaniswe nemfundo egxininisa kwixesha elizayo. Injongo yokugqibela yeCandelo leKharityhulam ye-*GET* kukuphucula indlela abaqhuba ngayo abafundi nokuvuselela ukutshintsha indlela yokucinga kubo.

4. Le ngcaciso imfutshane yazisa izikolo ukuba zinako ukufikelela kwisicwangciso se-*GET* sokuphucula umgangatho sephondo kwi-*ePortal* apha: https://wcedeportal.co.za/eresource/177566.

5. Ziyacelwa iinqununu zikhuthaze ootitshala abafundisa kwicandelo le-*GET* ukuba bakhuphele (*download)* ikopi yolu xwebhu lubalulekileyo.

ISAYINWE: NGU-PAD BEETS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO
UMHLA: 2020-12-14